Isalathiso: 20170202-7906
12/2/10/3
Imibuzo: J Pheiffer

INgcaciso eMfutshane yeCandelo loLawulo loLwazi neNgcaciso: 0003/2017

Iya KuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili), kuBaphathi beeSekethe nakwiNqununu zezikolo zikarhulumente eziqhelekileyo nezezikolo ezizimeleyo

Isihloko: ISaveyi yaQho ngoNyaka ye*WCED* yezikolo zikarhulumente eziqhelekileyo neyezikolo ezizimeleyo ka-2017

1. ISaveyi yaQho ngoNyaka ye*WCED* yezikolo eziqhelekileyo iya kuqhutywa ngowe-07 Matshi 2017. Iinqununu kuya kufuneka zikusayinele ukuchaneka kwedatha yabafundi kwi-*CEMIS*. Kucelwa uqinisekise ukuba oku kulandelayo kubhalwe ngokuchanekileyo kwi-*CEMIS* ungadlulanga owe-**07 Matshi 2017**:

1.1 Abafundi bakumabakala, kwiiklasi nakumacandelo e-*LoLT* achanekileyo.
1.2 Kugqityiwe ukukhutshelwa kwabafundi (abamkelwayo nabakhutshwayo esikolweni).
1.3 Utshintsho ngokwamabakala lwenziwe lwagqitywa.
1.4 Izikrini zokufaka idatha ii-*general information capture screens*, kuqukwa nemibuzo ngokhuseleko lwezikolo, zigqityiwe ngokunjalo.

2. ISaveyi yaQho ngoNyaka ikwafuna ukuba izikolo ziyihlaziye ingcaciso engootitshala zize zifake ingcaciso epheleleyo kwizikrini. Lo msebenzi kufuneka usayinelwe ungadlulanga owe-**07 Matshi 2017** ngokuthi kuqinisekiswe le miba ilandelayo:

2.1 Zihlaziyiwe iinkcukacha zootitshala ezimalunga neminyaka yamava, namabakala kunye nezifundo abazifundisayo ngo-2017 kuphela (mazisuswe iinkcukacha zamabakala nezezifundo ebezifundiswa kwiminyaka edlulileyo ukuba azifanele kuba kumthwalo womsebenzi katitshala ka-2017).
2.2 Zigqityiwe izikrini zootitshala abatsha ukulungiselela ukungqinisiswa kwamabanga emfundo kwizifundo (*subject qualifications*).
2.3 Zonke izikrini zokufaka idatha zizalisiwe yaye izikrini ebesele zinedatha ziyahlaziywa (*pre-populated screens*), umz. iifizi zezikolo neetheyibhile zeziseko zophuhliso *(infrastructure tables)*.

3. Isikrini esongezelelweyo esinengcaciso yehostele siya kubakho ukulungiselela ukufakwa kwedatha kwi-*CEMIS*. Iya kuba zizikolo ezineehostele kuphela eziya kuba nako ukuyibona le saveyi yongezelelweyo.

4. Njengegosa le-*EMIS* leziko, inqununu mayizilawule iinkqubo zokufaka idatha ukuqinisekisa ukuba ubungqina bokuqinisekisa neesiginitsha zabasebenzi ekugqithiselwe kubo amagunya okutshekisha idatha bunokuvezwa xa bufunwa ngabaphicothi-zincwadi. Mayirekhodwe inkqubo yomsebenzi wokufaka idatha ye-*EMIS* (*EMIS data business process)* ukuqinisekisa ukuphendula kwabathwele uxanduva lokuchaneka kwedatha, njengoko le ngcaciso inokuphicothelwa ukuchaneka kwayo. Kucelwa nifunde iNgcaciso eMfutshane 0003/2012 yeCandelo loLawulo loLwazi neNgcaciso, ukufumana iingcaciso engaphezulu. Kukhunjuzwa iinqununu kwakhona ukuba ukususela ngo-2014, ukuchaneka kwedatha ye-*CEMIS* ngumqathango ophambili ekuya kuxhomekeka kuwo ukufumana kwezikolo intlawulo yesabelo-mali sesibini ngokwemimiselo nemigangatho yolwabiwo-mali (*norms and Standards funding*) (iNgcaciso eMfutshane 0044/2013 yeCandelo loLawulo loLwazi neNgcaciso).

5. Kunyanzelekile ukusetyenziswa kwenombolo yesazisi kazwelonke (*national identity number*) ngabo bonke abafundi kuzo zonke iisistim zezolawulo nokuphathwa kwezikolo. Ikho ingxelo ye-*CEMIS* efumanekayo ukuqaphela abafundi abangenazinombolo zesazisi nokulungiselela ukufakwa ekhompyutheni kweenombolo zezazisi ezingekhoyo. Ukuba umfundi akanayo inombolo yesazisi evunyiweyo (*valid ID number*), makucetyiswe umzali ngenkqubo yokwenza isicelo se-*ID* kwiSebe leMicimbi yezeKhaya. Kucelwa iinqununu zibancedise abazali apho kunokwenzeka, ukuququzelela le nkqubo kwiSebe leMicimbi yezeKhaya. Makufundwe iNgcaciso eMfutshane yeCandelo loCwangciso loLawulo noKuphathwa kwamaZiko 0005/2014 ukufumana ingcaciso engaphezulu.

6. Wakuhlangabezana nabo nabuphi ubunzima ekuzalisweni kwale saveyi, kucelwa kuthetha-thethwane nomphathi wesekethe ochaphazelekayo okanye negosa lesithili elidweliswe apha ngezantsi:

ISithili	**UMlawuli we-*CEMIS* weSithili**	**Inombolo yefoni**	**I-imeyili**
Cape Winelands	Kevin van Eeden	023 348 0635	kevin.vaneeden@westerncape.gov.za
Eden and Central Karoo	Yvonne Ngwane Ayabulela Pinzie	044 803 8346 044 803 8367	yvonne.ngwane@westerncape.gov.za ayabulela.pinzie@westerncape.gov.za
Metro Central	Anita McGrath Tercia Southgate	021 514 6751 021 514 6737	anita.mcgrath@westerncape.gov.za tercia.southgate@westerncape.gov.za
Metro East	Buseka Ndinisa Thembeka Dlamini	021 900 7180 021 900 7181	buseka.ndinisa@westerncape.gov.za thembeka.dlamini@westerncape.gov.za
Metro North	Anecia Conradie	021 938 3039	anecia.conradie@westerncape.gov.za
Metro South	Anastasia Rose Sive Jara	021 370 2120 021 370 2106	anastasia.rose@westerncape.gov.za sive.jara@westerncape.gov.za

Overberg	Japie Bailey	028 214 7300	japie.bailey@westerncape.gov.za
West Coast	Mervan Davids	021 860 1596	mervan.davids@westerncape.gov.za

7. Iinqununu maziququzelele iinkqubo zeSaveyi yaQho ngoNyaka ukuqinisekisa ukuchaneka nokugqitywa kwedatha efakiweyo kwangethuba.

ISAYINWE: NGU- HA LEWIS
USEKELA MLAWULI-JIKELELE OBAMBELEYO WOCWANGCISO LWEMFUNDO
UMHLA: 2017-02-16